



AUDITOR - GENERAL  
SOUTH AFRICA

# MEDIA RELEASE

3 June 2015

## **UMphicothi-zincwadi jikelele unika ingxelo ngebakala eliphawulekayo neliphucukayo kwiziphumo zophicotho-zincwadi zikarhulumente wommandla**

**EKAPA** – Ukunyuka okuphawulekayo kwinani loomasipala nakumaqumrhu kamasipala athe afumana iziphumo zophicotho-zincwadi ezingenamakhwiniba ngokwezezimali (oko kwaziwa ‘njengophicotho zincwadi olusulungekileyo’) ngonyaka-mali ka-2013-14 linyathelo elinokubongwa nelikhokelela kulawulo oluncomekayo kwicandelo likarhulumente loMzantsi Afrika, umphicothi-zincwadi jikelele, uKimi Makwetu, utshilo namhlanje.

Ekhupha ingxelo yakhe ngeziphumo zophicotho-zincwadi zikarhulumente wommandla zonyaka ophantsi kohlo, uMakwetu uthe ukuphucuka okuqhubekayo kwiziphumo zophicotho-zincwadi zoomasipala ikakhulu kubangelwa ziinkokeli zopolitiko nezolawulo “eziqalisayo ukukhokela ngendlela efanelekileyo kwaye ngokungumzekelo omhle ekuqinisekiseni ukuba zikhona iziseko zolawulo olulungileyo kwaye zisetyenziswa ngobungqongqo”, ngokuhambelanayo nemiyalezo ethe gqolo yeofisi yakhe ejoliswe kulawulo oluncomekayo kwicandelo likarhulumente.

Umpthicothi-zincwadi jikelele uthe abo masipala namashishini kamasipala athe aqhubela phambili okanye akwazileyo ukugcina uphicotho-zincwadi olusulungekileyo lonyaka ogqithileyo “asebenzise okanye abuyele kwiziseko zolawulo olusulungekileyo”. Oku kuquka imisebenzi esisiseko efana:

- nokwazisa ucwangciso-mali olusisiseko nemimiselo yolawulo lwemihla ngemihla
- nokunyanzelisa ukuluthobela lonke uviso-mthetho


- nokuqesha kwanokugcina abasebenzi kwizikhundla zocwangciso-mali nakwezolawulo lwezezimali abanengqanaba elifunekayo lobungcali kwezobuchwepheshe kunye namava
- nokuvumela igosa eliyintloko kwezezimali ukuba lijongane nomsebenzi wolawulo lwezezimali kwaye linike ingxelo kumphathi kamasipala malunga noku.

Kuphicotho-zincwadi lonyaka, uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) uphonononga:

- okuxelwe kwiingxelo zezimali kuchanekile kwaye iingxelo zezimali azinaziphoso
- ulwazi oluthembekileyo nolukholisayo malunga nezenzo ukwenzela iinjongo zokunika iingxelo ngeenjongo zezenzo ebesele kugqitywe ngazo ngaphambili
- ukuthotyelwa kwemithetho nemimiselo elawula imicimbi yezezimali.

Iziko ekuphicothwe iincwadi lifumana uphicotho-zincwadi olusulungekileyo xa iingxelo zalo zezimali zingenamakhwiniba, apho kungakhange zingxelo zophicotho zifunyenweyo ngokuphathelene nokunikwa kwengxelo ngeenjongo ebesele kugqitywe ngazo ngaphambili okanye ukuthotyelwa kwemithetho nemimiselo. Iziphumo zophicotho-zincwadi lweendawo ebeziphicothwa ezingama-325 (ama-268 oomasipala nama-57 amashishini kamasipala) nazo ziqukiwe kwiingxelo jikelele.

## Iziphumo zophicotho-zincwadi



### Uphicotho-zincwadi olusulungekileyo (ingqiqo kazwelonke epheleleyo)

UMakwetu uthethe lilonke inani loomasipala namashishini kamasipala anophicotho-zincwadi olusulungekileyo ngonyaka-mali ka-2012-13 lenyukile lisuka kuma-30 laya kuma-58 ngonyaka-mali ka-2013-14; ukanti babesixhenxe kuphela ngonyakamali ka-2007-08, isiphumo esibe ngunobangela wesindululo esiyi-operation clean audit. Oku kumele oomasipala abangama-40 (14%) kunye namashishini kamasipala ali-18 (32%) kweli lizwe. UMakwetu uthethe kubalulekile ukuba iindawo ebeziphicothwa ezingama-27 (oomasipala namashishini) nazo zafumana iziphumo ezisulungekileyo kuphicotho-zincwadi luka-2012-13, nto leyo “ingumqondiso okhuthazayo wokuba ukuphucuka okukwezi ndawo beziphicothwa kuzinzile”.

UMakwetu uphawule ukuba iindawo ebeziphicothwa kudidi lophicotho-zincwadi olusulungekileyo bezigxile ekomelezweni koluleko nolongamelo kwindlela ebeziyiphethe ngayo nebeziyisebenzisa ngayo imali. Amabakala asetyenzisiweyo nekunamathelwe kuwo rhoqo ibingala:

- a) Ukuqulunqa iingxelo zezimali ezingenaziphoso zibambekayo (ngeziphoso kuthethwa ngeempazamo okanye ngemibandela eshiyiweyo nebaluleke kangangokuba ziyakuchaphazela ukukholeleka nokuthembeka kweengxelo zezimali).
- b) Ukuthobela uwiso-mthetho oluphambili.
- c) Ukulinganisa nokunika ingxelo ngokusebenza kwazo kwiingxelo zazo zezenzo zonyaka ngokumalunga neenjongo ebesele zigqityiwe kwangaphambili kwisicwangciso zazo zophuhliso lwentlanganisela kunye/okanye isicwangciso sonyaka sokunikezelwa kweenkonzo kunye nofezekiso loqingqomali ngendlela ebiluncedo nekwathembekileyo.
- d) Ukuba nolawulo oluncomekayo kunye/okanye ukusebenza ngemimandla ebifuna inyameko emandla kuqinisekisa ukuba umgangatho wazo wophicotho-zincwadi olusulungekileyo ugcinekile. Oku kuye kwaquka:
  - iinkokeli zidala imeko ehambelanayo nolawulo lwangaphakathi kunye nobongameli
  - abalawuli abaphezulu abaqinisekiso ukuba izinto zokulawula zikhona ukwenzela ulawulo oluphilileyo lwezezimali nentsebenzo.
  - ukufezekisa ululeko olusisiseko nezinto zokulawula ukwenzela ukulungelelanisa nokurekhoda iinkqubo zoshishino.
- e) Ubukho babantu abadlala indima ephambili abasebenzisanayo ukunika isiqinisekiso kukukholeleka kweengxelo zezimali nezentsebenzo. Ezi ndawo beziphicothwa zakuqonda ukuba isiqinisekiso kukukholeleka kolwazi olukwiingxelo zezimali nezentsebenzo kuvela kumanyathelo abo baphetheyo/eenkokeli kunye namaqabane azo kulawulo, aziiyunithi zophicotho-zincwadi lwangaphakathi neekomiti zophicotho-zincwadi.
- f) Zaqinisekisa ukuba ukugcinwa kweerekhodi nomgangatho wogcino lwamaxwebhu lulawulo olusetyenziswayo.
- g) Zaqinisekisa ukuba izithuba kwizikhundla eziphezulu zimbalwa, kukho uzinzo kwinqanamba lomphathi kamasipala/welona gosa liyintloko, igosa eliyintloko kwezezimali kunye nomphathi weyunithi yokulawula inkqubo yobonelelo lweenkonzo.

Zizonke iziphumo zamaphondo zingahlulwa ngokweendidi nangokubanzi ngale ndlela ilandelayo:

1. Okokuqala, amaphondo abenolawulo olungqongqo ngokufanelekileyo kwezezimali nomgangatho wothelekiso noluleko kwinkoliso yoomasipala. Amaphondo aqukwayo kolu udidi ngala, Gauteng, KwaZulu-Natal neNtshona Koloni.
2. Okwesibini, amaphondo abonise intshukumo ethembisayo yenkqubela-phambili encinane kwiziphumo zophicotho-zincwadi nolawulo lwezezimali olubalulekileyo kwakunye nokulambatha kumgangatho wentelekiso. Inkoliso yoomasipala abakolu didi ikula maphondo: eMpuma Koloni, eMpumalanga nakuMntla-Koloni.
3. Okwesithathu, amaphondo anoomasipala abanolawulo lwezezimali olubonisa ubuthathaka obugqithileyo kwinkoliso yoomasipala. Okuqukwayo kolu didi lwesithathu nolokugqibela ngoomasipala abaseFreyistathi, eLimpopo naseMntla-Ntshona.

Imigangatho yentelekiso elambathayo, nesoloko ikhona koomasipala abangazange bafikelele kuphicotho olusulungekileyo, ibangela ukuba inkqubo ibe sesichengeni sokusetyenziswa gwenxa kunye nokulahleka kwemizila yophicotho-zincwadi eyaneleyo ukuze kungqinwe iinkqubo zoshishino.

**Amaphondo anolawulo lwezezimali olungqongqo nemigangatho yentelekiso kwinkoliso yoomasipala**  
UMakwetu uthe inani elivisayo lamaphondo libonise ukuphucuka kwiziphumo zawo zophicotho-zincwadi, awona abe negalelo elikhulu kwelona nani lophicotho-zincwadi olusulungekileyo yiGauteng nge-13, yiKwaZulu-Natal ngama-20 neNtshona Koloni nge-18.

Inkoliso yoomasipala namashishini kamasipala kula maphondo ibenomgangatho wentelekelekiso wangaphakathiawo oncomekayo okanye asebenze kwimimandla ebifuna inyameko emandla. Le migangatho yentelekiso ixhaswe zizikhundla ezininzi ekuthe kwaqeshwa kuzo amagosa aphambili asele ephumelele kwiimfuno zobungcaphephe obumiselweyo. Oku kubangele ukuba inkoliso yeendawo ebeziphicothwa ziqulunqe iingxelo zezimali ezingenaziphoso kwaye zithobele uwiso-mthetho olungundoqo.

“Ndiyithathela ingqalelo indima edlaliweyo ziiyunithi zophicotho-zincwadi lwangaphakathi, ziikomiti zophicotho-zincwadi, ziikhansile, ziiMPAC nangamaziko olungelelwaniso ngokuthwala uxanduva lobongameli ekuphuculeni ulawulo lukarhulumente wemimandla kula maphondo,” utshilo uMmphicothi-zincwadi jikelele.

Noxa kunjalo, uMakwetu ukhawulezile ukulumkisa ngelithi “nangona ziye zaphucuka iziphumo zophicotho-zincwadi, kwaye sikufanele nokukubhiyozela oko”, olunye kolu phuculo luye lwafumaneka ngenxa yokuthembela ngokugqithisileyo kubacebisi nasekulungisweni kweziphoso ezichongwe ngabaphicothi-zincwadi ngexesha bebephicotha iincwadi, ngeli lixa inani leendawo ebeziphicothwa ebekufunyenwe ubugwenxa malunga nolawulo lwenkqubo yobonelelo lweenkonzo liselikhulu kolu didi lwamaphondo.

Kwaba masipala, kubekho inkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho kwimali eyi-R3,643 ezizigidigidi, imali eyi-R3,3 yezigidigidi ichithwe ngabo masipala bangalufumenanga uphicotho-zincwadi olusulungekileyo kolu didi. Iyonke inkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho enokubalelwa kwabeGauteng oomasipala yi-R1,1 yesigidigidi; kwabaKwaZulu-Natal yi-R2,3 yezigidigidi; kwabeNtshona Koloni yi-R162 yezigidi.

### **Amaphondo anentshukumo ethembisayo yenkqubela phambili encinci, anolawulo olubalulekileyo kwezezimali nokulambatha kumgangatho wentelekiso**

Amaphondo anoomasipala namashishini kamasipala amaninzi kolu didi yiMpuma Koloni, yiMpumalanga noMntla-Koloni. Iphondo ngalinye kula libe nomnye umasipala wesithili ofumene iziphumo zophicotho ezisulungekileyo okokuqala okanye othe wazigcina iimbono zophicotho olusulungekileyo.

Ubulunga beengxelo zezimali ezingeniselwe uphicotho-zincwadi busaxhalabisa kula maphondo, nto leyo ibalula ukuxhomekeka okuqhubekayo kwemimandla ephicothwayo kwinkqubo yophicotho-zincwadi ukwenzela ukuba zifikelele kuphicotho-zincwadi olusulungekileyo. Oku, kudibene noku kuxhomekeka ngokugqithisileyo kubacebisi kufunwa uncedo ngokunikwa kwengxelo yezimali neyentsebenzo, kubonisa ukuba inkxalabo ebhekiselele kumgangatho wentelekiso wangaphakathi kunye nokunqongophala kwezakhono kule mimandla iphicothwayo akukahlangabezwana nayo ngokwaneleyo.

UMphicothi-zincwadi jikelele uthe uxhalabile kakhulu ngokutyeshelwa komthetho okuxhomisa amehlo kwicala lolawulo lwenkqubo yobonelelo lweenkonzo, ziphoso ezo zibhexeshwa ziinkqubo zokuthenga ezingenakhuphiswano nezinomkhethe, lungqzulwano lwezimvo ngokwezoshishino nokukusilela kumgangatho wentelekiso wangaphakathi, ezo mposiso zikhokelele kwi- R4,155 yezigidigidi eziyinkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho ethe yachithwa ngala maphondo.

Inxalenye yale nkqubo-mali eMpuma Koloni yi-R3, 36 yezigidigidi; eMpumalanga yi-R567 yezigidigidi; kanti eMntla-Koloni yi-R238 yezigidigidi. Inxalenye yezi zixa-mali ezisebenza koomasipala abafumene uphicotho-zincwadi olusulungekileyo iyi-R15,4 yezigidigidi. Onke amanqanaba obunkokeli amele ukuzimisela ahlangabezana ngqo nokutyeshelwa kwemiqathango enokusetyenziselwa uwisomthetho.

Ngaphezu koko, iziphumo zohlolo lwethu lweyona migangatho yentelekiso ingundoqo nenqanaba lokuqinisekisa elinikwe ngabantu abadlale indima ephambili zibonisa ukuba abo benze umsebenzi onganelisiyo khangela baxoxiswe kwaye belunqongophele ungenelelo lweenkokeli olungqongqo ukwenzela ukuhlangabezana nentsusa yeziphumo zonyaka odlulileyo.

Kuyakhuthaza ukuqaphela ukuzimisela kweenkokeli zopolitiko zala maphondo kukuphucula iziphumo zophicotho-zincwadi. Olunye lolu ngenelelo luquka unqiniselano lwendima yamasebe olawulo lwentsebenziswano nelezezimali kumaphondo kunye nokunika amandla oomasipala bezithili ukuze baziphucule iziphumo ezizezabo zophicotho-zincwadi nezoomasipala bemimandla yabo.

### **Amaphondo apho amabakala olawulo lwezezimali abuthathaka kakhulu nalapho bubalaseleyo ubuthathaka kumgangatho wentelekiso kwinkoliso yoomasipala**

Imimandla ebiphicothwa kolu udidi mininzi eFreyistathi, eLimpopo naseMntla-Ntshona. Akukho nenye kwezi ndawo beziphicothwa efikeleleyo kwiziphumo zophicotho-zincwadi olusulungekileyo kwaye uninzi lwezi ndawo beziphicothwa kwiphondo ngalinye lufumene iziphumo zophicotho-zincwadi olunamakhwiniba, olubi okanye olubi kakhulu. Ngokupheleleyo, iindawo ezininzi ebeziphicothwa zibe nemigangatho yentelekiso elambathayo ebangele ukuba inkqubo ibe sesichengeni sokusetyenziswa gwenxa kunye nokulahleka kwemizila yophicotho-zincwadi eyaneleyo ukuze kungqinwe iinkqubo zoshishino.

Ubulunga kwiingxelo zemali ezingeniselwe uphicotho-zincwadi zemali bushiyeke bungaphucukanga buphakathi kwe-92% ne-97% yemimandla ebiphicothwa kula maphondo, okubonisa ukungaphucuki kwemeko yolawulo lwangaphakathi kwinkoliso yoomasipala. Izithuba kwizikhundla eziphezulu kufuneka zifumane inyameko eqhubekayo eFreyistathi naseMntla-Ntshona, ngakumbi kwizikhundla

zentloko yolawulo lwenkqubo yonikezelo lweenkonzo ebezinomlinganiselo wezithuba ezigqithileyo kuma-50%. Inkoliso yemimandla ebiphicothwa isebenzise abacebisi ngexabiso eliphezulu ukwenzela iingxelo zezimali nezentsebenzo kodwa oku khange kuphucule iziphumo zophicotho-zincwadi ngenxa yemeko yolawulo olungaphucukanga.

Ulawulo lwenkqubo yobonelelo lweenkonzo lusoloko lungumngeni, lunenkitho-mali engahambisaniyo nomthetho efikelelayo kwi-R3,651 yezigidigidi kuwo omathathu la maphondo. Kulo mba, iFreyistathi ichithe -R934 yezigidigidi; uMntla-Ntshona i-R1, 899 yezigidigidi; ze iLimpopo ibengama-R818 yezigidigidi. Ukungabikho kweziphumo xa kutyeshelwe imiqathango kuyaqhubeka ukuba ngumbhexeshi wokungathobeli. Iinkokeli azithathanga manyathelo abonakalayo ukwenzela ukuphuculwea le meko nokuhlangabezana noyena nobangela wezi ziphumo zophicotho-zincwadi, utshilo umphicothi-zincwadi jikelele.

Indlu yowiso-mthetho namasebe olungelelwaniso lwamaphondo anike uqinisekiso oluncinci okanye khange anike luqinisekiso kwiphondo ngalinye kula. Iiofisi zenkulumbuso maziqinise ubudlelwane phakathi koorhulumente ngokumalunga nobongameli bamasebe olungelelwaniso, njengoko onke enomthwalo othe ngqo kwimisebenzi yoomasipala.

### **Utyelelo loomasipala lomphicothi-zincwadi jikelele ukwenzela ukuqonda unxulumano eliphakathi kophicotho-zincwadi olusulungekileyo nokunikezelwa kweenkonzo**

Ngeenyanga zokuqala ezintathu zika-2015, umphicothi-zincwadi jikelele utyelele oomasipala abahlukileyo kweli lizwe, abo bafumene uphicotho-zincwadi olusulungekileyo. Olu tyelelo luquke oomasipala kwiphondo iKwaZulu-Natal, iNtshona Koloni, iMpumalanga, iGauteng neMpuma Koloni.

UMakwetu uthe olu tyelelo ngenxenyane belujonge kukuvuyisana noomasipala ngokufumana uphicotho-zincwadi olusulungekileyo, ngeli lixa lunceda yena ukuba aqonde unxulumano phakathi kwemfezeko yophicotho-zincwadi olusulungekileyo nokunikezelwa lweenkonzo.

“Sidibene sonke neenkokeli zaba masipala, sibe nethuba lokubonisa ukubaluleka kolawulo olusulungekileyo njengesixhobo sokuqhuba unikezelo lweenkonzo. Kwakhona oomasipala bafumene ithuba lokubonisa ngamaqhumrhu abo olawulo njengendima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukufikelela kwiziphumo zophicotho-zincwadi olusulungekileyo. Iinkokeli zopolithiko nezolawulo zindikhaphile mna neqela lam ukuya kwii projekthi ezithile eziphambili, apho zisinike iinkcukacha ngendlela ezilawulwa ngayo ezi projekthi ukuze kuncedakale oomasipala bemimandla. Njengenxalenye yomsebenzi,



iiprojekthi esizityeleleyo bezinxulumaniswe neenjongo zengxelo yomsebenzi wonyaka kumasipala ngamnye kwakunye neenkalo zentsebenzo engundoqo okanye nezalathisi zentsebenzo engundoqo kwiingxelo zabo zonyaka ka-2013-14. Ndiye ndachukumiseka ngumsebenzi ogqwesileyo owenziwa ngaba masipala, abanye bakweyona mimandla yeli lizwe ekude lee, ukwenzela ukuba negalelo elihle kuluntu lwabo. Aba masipala babonise ukuba xa ninezixhobo zolawulo ezincomekayo nezisiseko, ningazisebenzisa ukubuphucula ubomi babahlali bemimandla enikuyo,” uzondelele ngolo hlobo umphicothi-zincwadi jikelele.

### **Amaphulo eenkokeli angundoqo akhokelela ekuphuculweni kophicotho-zincwadi nokuqinisekisa ulawulo oluncomekayo**

Umpicothi-zincwadi jikelele uthe iofisi yakhe ikhuthaziwe ngamaphulo karhulumente wesizwe, afana nesicwangciso-nkqubo sokubuyela kwiziseko sikarhulumente wommandla, njengoko kujongekile ukuba anganegalelo elihle kukuphucula iziphumo zophicotho-zincwadi nolawulo oluncomekayo xa efezekiswe ngokupheleleyo. UMakwetu uthe iimpendulo ezidlamkisayo ezivela, nokubandakanyeka, kweenkulumbuso, izithethi namalungu esigqeba anoxanduva lwezezimali norhulumente wommandla kubenegalelo elihle kwiziphumo zophicotho-zincwadi zika-2013-14.

“Ezi nkokeli zizinikele zazimisela kwiinkqubo ekhokelela kuphicotho-zincwadi olusulungekileyo kwanolawulo oluncomekayo ngokubanzi. Kukuqhuba kwazo imfezeko yemiqathango esisiseko koomasipala bazo, iziphumo zophicotho-zincwadi zexa elizayo zingaya kweyona njongo ifunekayo – elulawulo olusulungekileyo olupheleleyo. Iofisi yethu iya kusoloko isebenzisana nezi nkokeli ifumana kuzo amava, nokwabelana ngolwazi lwethu sijolise kulawulo lwezezimali nakwiingxelo zentsebenzo ngorhulumente wommandla eziphucukileyo,” ugqibezele ngokutsho uMakwetu.

### **Enye ingqwalasela ebalulekileyo yophicotho-zincwadi**

#### **Okunye ukuphucuka kukungeniswa kwangexesha elifanelekileyo kweengxelo zezimali**

Ingxelo yomphicothi-zincwadi jikelele ibonisa ukuba ziphelele, iindawo ebeziphicothwa ezingama-323 (96%) zingenise iingxelo zazo zezimali ukwenzela uphicotho-zincwadi ngomhla wama-31 ngoAgasti ka-2014 (okanye ngomhla wama-30 ngoSeptemba ka-2014 malunga ke nezo ngxelo zemali zidityanisiweyo)

njengoko oko bekufuneka kuwiso-mthetho. Iingxelo ezilishumi bezingekho ngalo mhla wokugqibela wokuqukwa kweengxelo kwingxelo jikelele, ezisithoba kuzo ziye zagqitywa.

### **Ukuphucuka kulawulo lwabacebisi**

Iingxelo ibonisa ukuba i-84% yeendawo ebeziphicothwa zisebenzise abacebisi ukubancedisa mhlawumbi ekunikeni ingxelo ngezezimali okanye kumalungiselelo eenkcukacha zentsebenzo, okanye kuyo yomibini le mimandla (kubekho ukunyuka okusuka kwi-80% yonyaka odlulileyo).

Intelekelelo yexabiso leenkonzobabacebisi yaba yi-R821 yezigidigidi, oko kuquka imali esetyenziswe kwii-ofisi zoonondyebo nakumasebe olawulo ngentsebenziswano. Le mali inyuke isuka kwi-R725 yezigidigidi kunyaka odlulileyo, kwaye imele kuphela inxalenye yentelekelelo eyi-R3 151 yezigidi ezisetyenziselwe iinkonzobabacebisi ngurhulumente wommandla.

Kukonke, i-55% yeendawo eziphicothiweyo ezincedisiweyo yafumana iziphumo zophicotho-zincwadi ezingenamakhwiniba – olo luphuculo olubonakalayo xa kuthelekiswa ngo-46% ngo-2012-13. Ngokufanayo, u-58% ukuphephile ukufumana iziphumo ezibonisa okugwenxa kubulunga beengxelo zabo zentsebenzo zonyaka – olo luphuculo olusuka ku-55% ngo-2012-13.

UMakwetu uthe uphicotho-zincwadi lweofisi yakhe kulawulo lwabacebisi kwiindawo ebeziphicothwa ezingama-293 luveze ubuthathaka kwezili-184 (63%) iindawo ebeziphicothwa, olo luphuculo olubonakalayo xa kuthelekiswa ne-197 (79%) ka-2012-13. “Esikufumanisileyo kuquke izakhono ezingakhange zidluliswe, ulawulo nokusiwa iso kwentsebenzo okungaphucukanga, neenkqubo zocwangciso ezingonelanga,” utshilo umphicothi-zincwadi jikelele.

### **Ukwehla kwenkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho, engenasiqhamo neyiyinkcitho; nangona kunjalo ukonyuka kwinkcitho-mali engagunyaziswanga**

Inkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho eyi-R11 473 yezigidigidi ichithwe ziindawo ebeziphicothwa ezingama-264 – olo luphuculo olusuka kwi-R12 226 yezigidigidi ebichithwe ziindawo ebeziphicothwa ezingama-270 ngo-2012-13. Umphicothi-zincwadi jikelele uthe ukungathobeli iimfuno zenkqubo yokuthenga zezona zinto zibe negalelo kule nkcitho-mali ingahambisaniyo nomthetho.

“Khangesilwenze noluphi na uphando malunga nenkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho, njengoko lowo ingumsebenzi wekhansile. Ngophicotho-zincwadi lwethu oluqhelekileyo sifikelele kwisigqibo

sokuba zifunyenwe iimpahla neenkonzon nge-R6 598 yezigidigidi (58%) yenkcitho-mali engahambisaniyo nomthetho enxulumene nolawulo lwenkqubo yobonelelo lweenkonzo, nangona iinkqubo eziqhelekileyo zolawulo lokuthenga zingakhange zilandelwe. Noxa kunjalo, asinakuqinisekisa ukuba ezo mpahla neenkonzon zinikezelwe ngelona xabiso lamkelekileyo, singenakuthi nelo xabiso lafunyanwa,” uchazile umphicothi-zincwadi jikelele.

Inkcitho-mali engenasiqhamo neyiyinkcitho ye-R687 yezigidi ichithiwe kwiindawo ebeziphicothwa ezingama-250 – olo luphuculo olusuka kwi-R860 yezigidi ebichithwe kwiindawo ebeziphicothwa ezingama-222 kunyaka ophelileyo. Inkcitho-mali engagunyaziswanga ye-R11 402 yezigidi ichithiwe koomasipala abali-190 (71%) – oko kukunyuka okubalaseleyo xa kuthelekiswa ne-R8 502 yezigidi ebichithwe ngoomasipala abali- 175 kunyaka ophelileyo. Iphelele, i-61% yenkcitho-mali engagunyaziswanga enxulumene nezinto ezingeyomali, oko kuthetha intelekelelo yocwangciso-mali efana nokonakalisa kunye nokubekelwe iimfuneko ezithile.

### **Oomasipala kwimpilo yezimali**

UMakwetu ugqibezele ngelithi “kukho uxinzelelo olumandla kwezezimali kwinqanaba loomasipala, njengoko kubonisiwe yile ngxelo”. “Intlanganiselo yomngcipheko kwimpilo yezezimali, kunye nolawulo olubuthathaka, oko makube zizalathisi ezaneleyo zokulunyusa ungxamiseko olufunekayo lokuphuculwa kwale meko kurhulumente wethu wommandla,” ulumkise ngolo hlobo umphicothi-zincwadi jikelele.

**Ikhutshwe ngu-:** Mphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (Auditor-General of South Africa)

**Unxibelelwano:** Africa Boso • (012) 422 9880 • [Africab@agsa.co.za](mailto:Africab@agsa.co.za)



**Landela i-AGSA ku-Twitter:** [https://twitter.com/AuditorGen\\_SA](https://twitter.com/AuditorGen_SA)

**Okunokuqatshelwa kuthungelwano lweendaba:** Ingxelo jikelele eDityanisiweyo ngeziphumo zophicotho-zincwadi zommandla kunye neengxelo zephondo ngalinye ziyafumaneka apha ku-[www.agsa.co.za](http://www.agsa.co.za). Eli khasi neenguqulelo zalo kwisiSuthu, kwisiTsonga, kwisiXhosa, kwisiZulu nakwisiBhulu nawo ayafumaneka kwiwebhusayithi yethu. **Malunga ne-AGSA:** I-AGSA ilelona ziko liphezulu lophicotho-zincwadi kweli lizwe lethu. Ikukuphela kweziko elithi, ngomthetho, lifanelwe kukuphicotha iincwadi ukuze kubonakale ukuba urhulumente uyisebenzisa njani na imali yabarhafi. Lo ngumsebenzi eyagxila kuwo iAGSA ukususela ekusekweni kwayo ngo-1911-- lo mbutho ubhiyozele iminyaka eli-100 yokuphicotha iincwadi zecandelo likarhulumente ngo-2011.